SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za

Province of the EASTERN CAPE EDUCATION

**NATIONAL SENIOR CERTIFICATE**

# IBANGA 12

## SEPTEMBA 2023

# ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO IPHEPHA LESIBINI (P2)

**AMANQAKU:** **70**

**IXESHA:** **2½ iiyure**

Olu viwo lunamaphepha angama-33.

SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



## IMIYALELO NENGCACISO

1. Funda le miyalelo ngenyameko phambi kokuba uqalise ukuphendula imibuzo.

2. MUSA ukuzama ukufunda lonke iphepha lemibuzo. Yiya kwiphepha lesiqulatho elilandelayo uze uphawule amanani emibuzo esetwe kwiincwadi ozifundileyo kulo nyaka. Emva koko, yifunde le mibuzo uze ukhethe leyo ufuna ukuyiphendula.

3. Eli phepha linamaCANDELO amaNE:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Inoveli | (35) |
| ICANDELO B: | Idrama | (35) |
| ICANDELO C: | Amabali amafutshane | (35) |
| ICANDELO D: | Isihobe | (35) |

4. Landela imiyalelo ekuqaleni KWECANDELO NGALINYE ngononophelo.

5. Phendula IMIBUZO emiBINI iyonke: umbuzo NGAMNYE ukhethwa NAKUWAPHI amacandelo amaBINI.

   ICANDELO A: INOVELI
   Phendula umbuzo kwincwadi yenoveli oyifundileyo.

   ICANDELO B: IDRAMA
   Phendula umbuzo kwincwadi yedrama oyifundileyo.

   ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE
   Phendula imibuzo esetwe kumabali amafutshane omaBINI.

   ICANDELO D: ISIHOBE
   Phendula imibuzo esetwe kwimibongo yomiBini.

6. Uluhlu lokukhangela lakukunceda.

7. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

8. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

9. Ingcebiso yokulawula ixesha: Sebenzisa imizuzu engama-60 KWICANDELO NGALINYE.

10. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.


SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



**IPHEPHA LESIQULATHO**

Eli phepha liza kukunceda ukuba ukwazi ukukhetha imibuzo ofuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

| **ICANDELO A: INOVELI**<br><br>**Phendula nawuphi umbuzo OMNYE kwinoveli oyifundileyo.** | | |
|---|---|---|
| **INANI LOMBUZO** | **AMANQAKU** | **IPHEPHA** |
| 1. *Kusa kusihlwa* | 35 | 5–8 |
| | | |
| 2. *Umqol'uphandle* | 35 | 9–12 |
| | | |
| 3. *UMonwabisi* | 35 | 13–16 |
| **ICANDELO B: IDRAMA**<br><br>**Phendula nawuphi umbuzo OMNYE okwinoveli oyifundileyo**. | | |
| 4. *Ndiyekeni* | 35 | 17–21 |
| | | |
| 5. *Inzala YamaRhamba* | 35 | 22–25 |
| **ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE**<br><br>**Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kumabali amafutshane.** | | |
| 6.1 Izibhovubhovu zaseBhayi' | 18 | 26–27 |
| 6.2 'Thath'izinto zakho mthakathindini' | 17 | 28–29 |
| **ICANDELO D: ISIHOBE**<br><br>**Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kwisihobe/kwimibongo** | | |
| 7.1 *'ENxukhwebe'* | 18 | 30–31 |
| 7.2 *'Konakele phi na Mz'ontsundu?* | 17 | 32–33 |



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



**ITSHEKLISTI**

**QAPHELA:** Phendula imibuzo emiBINI kumaCandelo amaBINI.
Phawula (√) amaCandelo owakhethileyo.

| ICANDELO | | IINOMBOLO ZEMIBUZO | INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO | PHAWULA (√) |
|---|---|---|---|---|
| A | Inoveli<br><br>(Kusa Kusihlwa)<br>*(Umqol'uphandle)*<br>(UMonwabisi) | 1–3 | 1 | |
| **OKANYE** | | | | |
| B | Idrama<br><br>*(Ndiyekeni)*<br>*(Inzala YamaRhamba)* | 4–5 | 1 | |
| **OKANYE** | | | | |
| C | Amabali amafutshane<br><br>*(Izibhovubhovu zaseBhayi*)<br>*(That'izinto zakho mthakathindini* ) | 6.1 + 6.2 | 1 | |
| **OKANYE** | | | | |
| D | *Isihobe*<br><br>*(ENxukhwebe)*<br>*(Konakele phi na Mz'ontsunndu?)* | 7.1 + 7.2 | 1 | |

**QAPHELA:** Qiniseka ukuba uphendule imibuzo kumaCandelo amaBINI kuphela.



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



## ICANDELO A: INOVELI

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kwezi noveli zilandelayo:

- *Kusa Kusihlwa* nguKS Bongela
- *Umqol'uphandle* nguMAP Ngani
- *UMonwabisi* nguZA Japhta

Phendula YONKE imibuzo ekwinoveli oyifundileyo.

### UMBUZO 1: *KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 1.1 noMBUZO 1.2.

1.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA A**

'Ndiyakucebisa ukuba ungangeni ezintweni zam. Andinakuze ndiyinyamezele le nokuba kuthiwa mandinyamezele. Ukuba kobu bulumko bakho uzama ukuquma uLungile kule mikhwa yakhe, ingasuka ihle ehlayo, torho. **Uza kundazi namhlanje ukuba ndingubani na lo mfana kaNtsibande.** Nokokuba sekusithiwa iintsiba zakhe nzinde zigqiba ilizwe eli, ufike esitishini kule kaSoluthi intombi. Sis! Ndigezelwe <u>yinja!?</u>

UYolisa umthobozile enyamezele ezo zinyembo naloo ntlamba wada waba uyanqandeka. Uyeke ngelithi umgcade ukufika kwakhe ngoLwesihlanu.

Njengokuba iveki isiya icutheka, nokhofukhofu lukaNomakhwezi luye lukhula ngokukhula ngokokude ngamanye amaxesha amane ukuhlasimla nokuba uyedwa. Ide yafika impela-veki waba uyafika uyise kaMpumelelo, loo nto ebuya eyekelele umzimba engazi ukuba litshawuza imibane. Wayengenalo nofifi lokuba kunyembelekile.

Wafika ephethe ubugcwabalalana bezinto ezinjengeziqhamo, kunjalonje ebuphathele inkosikazi yakhe. Yayikwakho nelokhwe awayeyifumene ngexabiso eliphantsi kula maxabiso entengiso, phofu yona iyeyexabiso ngokudalwa. UMpumelelo yena wayephathelwe ibhulukhwe.

Ibisisiqhelo esi. Utata xa ezayo kwakusaziwa ukuba uza kufika namaqithiqithi, wonke umntu abe nento ayifumanayo. Ebesithi esihla nje abe esamkelwa ngumama nonyana nabapheki eze kuphathiswa impahla ayiphetheyo, athi esihla nje abe amanzi ashushu ebekwa. Kodwa namhlanje ufumene umnqa kwangaphuthunywa emva kokuba eth"pop ... pop!"ngemoto. ngelishwa ke namhlanje noMpumelelo akakho.

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



1.1.1 Nika isizathu sokuba athi uNomakhwezi uLungile unemikhwa. (2)

1.1.2 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. Intetho kaNomakhwezi ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa imveza njengomntu ...

A onemincili.
B onengqumbo.
C onexhala.
D onesazela. (1)

1.1.3 Ngqina ukungafaneleki kokusetyenziswa kwesafobe esikrwelelwe umgca ngaphantsi xa kuthethwa ngoLungile. (2)

1.1.4 Nika intsingiselo yenkcaza engezantsi ngokubhekiselele kuLungile.

'... loo nto **ebuya eyekelele umzimba** engazi ukuba litshawuza imibane.' (2)

1.1.5 Xela isifundo esinokufundwa kwisenzo sikaYolisa sokunqanda umlo afuna ukuwenza uNomakhwezi. (2)

1.1.6 Yintoni eyenzekileyo ebalini ukuze iphele indima kaLungile noNomakhwezi? (2)

1.1.7 Ngqina ukuba idolophu yaseMlazi incedisile ukuliqhubela phambili eli bali. (2)

1.1.8 Chaza unobangela wempixano kweli bali. (2)

1.1.9 Cacisa ukuba sihambelana njani nomlinganiswa onguMpumelelo isihloko sale noveli. (3)

**KUNYE**


SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



1.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA B**

Uthe akuqwalasela uMpumelelo ekhaya apha waphawula ukuba asingomsebenzi owenziweyo ngummangaliso. Ivenkile yakowabo yayandiswe yankulu yaza yahonjiswa ukwenzela ukuba ibe nombizane. UThamsanqa wayesefumene nemvume yesilarha, naso sesiqalisile. Nala mahla-ndinyuke sesikhe saweva mayela nale venkile athe kanti afike endodeni.

Kwakhona waphawula ukuba indlu yakowabo yokuhlala ibuye yakhiwa okutsha ngendlela ebukekayo. Urhwebo jikelele lwaluqhuba ngendlela eyanelisayo kakhulu kuba phezu kweveni, kwakusekufunwe neloli yokuthutha impahla. Kwathi kanti lo ngcembe wezi senti, emva kweminyaka uzala into.

Uyisemncinci wayeqeshe nabantu bokujonga la mashishini, yena engumongameli wawo omabini. Kwakukho nelinye inxiwa awayelifumene komnye umntu apha eG.G. enenjongo yokuba uza kwakhela unyana wakhe, uMpumelelo, indawo yokuxilongela ukuba uyathanda koko uMpumelelo wayengenazinjongo zakusebenza eThekwini.

Bathi bakudibana negqwetha lakowabo waneliseka kakhulu kukubona iincwadi ezicacisa ingxowa eyenziweyo ngala mashishini kule minyaka angekho, kuba kaloku igqwetha laliwulondolozile lo mzi lingafuni nokuqhelisa kwakubakho ugqwidi kwicala lala mashishini. Yonke into yayithe mbo, ngakumbi kuba kuthe kwakubizwa abaphendla-phendli beencwadi zamashishini banika ingxelo ekholisayo ngawo. Kule ntlanganiso yabo bobathathu, uMpumelelo uthe "tatomncinci, umnqweno wam mnye, ngowokuba sihlalisane ngoxolo kulo mzi wakwaNtsibande. Njengoko ubusele uwaqhuba la mashishini akazi kuchukunyiswa.

1.2.1 Wayevela phi uMpumelelo ukuze afike kusetyenziwe kowabo? (1)

1.2.2 Khankanya izinto zibeMBINI ezenziweyo ukuphucula ishishini ngokwesi sicatshulwa. (2)

1.2.3 Sithathwe kweliphi inqanaba lesakhiwo esi sicatshulwa? (1)

1.2.4 Xela indima edlalwa nguThamsanqa kwikhaya likaMpumelelo. (2)

1.2.5 Ingaba wafezekiseka umnqweno kaMpumelelo wokuhlalisana ngoxolo noyisemncinci? Xhasa impendulo yakho. (3)



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



1.2.6 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli. UMpumelelo ngumzekelo womlinganiswa (ongqukuva/osicaba) kweli bali. Xhasa impendulo yakho. (3)

1.2.7 Ulolupho udidi umlinganiswa onganikwa gama ebalini koko abizwe ngesikhundla okanye umsebenzi awenzayo? (1)

1.2.8 Ngubani umbalisi webali kwesi sicatshulwa? (1)

1.2.9 Ngqina ngeengongoma eziNTATHU ukuba uMpumelelo ngumlinganiswa oyintloko kule noveli. (3)

**[35]**

**AMANQAKU EWONKE 35**



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



## UMBUZO 2: UMQOL'UPHANDLE – MAP NGANI

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 2.1 noMBUZO 2.2.

2.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

### ISICATSHULWA C

Ithe yakuba izityhilile, nokaHlobo engayingxamele, yakhalima, 'Ngxe, zinyanya zomzi wam!' – yatsho isithi bhutyu phantsi itshica phambi kukaHlobo, naye ke seleqoba iliso kuSajini. “Heke! Ulibizile ke ngoku, nezinyanya uzinikile imbeko yazo. Qhuba ngokonwaba ngoku,” utshilo uHlobo, ezimisele ukumthantamisa umntu wakhe.

Iqale yazilungalungisa intokazi enkulu, yandula yathi:

“**Uya kuz'uham'uhamb'udibane nezimanga**!” Itshilo intokazi.

“Kunjalo ukukhula, sis'omkhulu.”

“Yitsh'ubuphinde, nkos'am. Bendisathini kanene? ...O! Bendiseza kukuxelel'izintw'ezi. Oku kukhulandini. Uyandibona, ndinjenjenje, <u>ndingumhlolokazi – usizana lomhlolokazi, intw'engento</u> yehlwempu. Andinazizalwana, andinabantwana bakundondla – inkedama nje eyodwa, eyodwa jwi elizweni. 'Kodwa izolo eli bendinaso isizalwana- esinye sona, umtshana wam. Kodwa kunamhlanje nje, akasekho kweli phakade.”

Zaphalala iinyembezi kule ntokazi kanye kwesi sithuba. Uyibukele nje okaHlobo izinika ngokulila, emana empakuza kuhle ngenqawa yakhe. Wayeqonda ukuba yayilolu didi lwabafazi luthi lwakuthuthuzelwa luye lunyukelana ukulila. Wayivula yada ngelinini, yabonakala izisula iinyembezi.

Uqale wangenelela. “Ndiyavelana nawe, nkosikazi. Kodwa khawuqine wena, njengemaz'endala.Sifuna khe sive eyona ngxaki yakho, sandule sikuncede.”

“Akasekho,mhlekazi, umtshana wam kweli phakadendini-iphakade elingenanceba! Ewe, uEddie, umntwan'odadewethu akasekho. Iintw'ezimbi azipheli. Kodwa! Kodwa!” Yee nqumama intokazi yakufika apho.

“Yintoni ngoku, nkosikazi?” ubuze emangalisiwe uHlobo.

“Leyo andisoze ndiyikholelwe. Nithetha uEddie, umntwan'odadethu akasekho?”

2.1.1 Nika isizathu sokuba uHlobo ayithantamise le nkosikazi athetha nayo. (2)



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



2.1.2. Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. Intetho ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa iyiveza le nkosikazi njengomntu ...

A onemincili.
B onomothuko.
C onexhala.
D onesazela. (1)

2.1.3 Ngqina ukungafaneleki kokusetyenziswa kwenkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi xa izichaza le nkosikazi kuHlobo. (2)

2.1.4 Nika intsingiselo yenkcaza engezantsi ngokubhekiselele kwisenzo sikaHlobo.

'**Wayivula** yada ngelinini**,** yabonakala izisula iinyembezi.' (2)

2.1.5 Xela isifundo esinokufundwa kwisenzo sikaHlobo sokubonakalisa unyamezelo kule nkosikazi. (2)

2.1.6 Yintoni eyenzekileyo ebalini ukuze iphele indima kaEddie Maga? (2)

2.1.7 Ngqina ukuba idolophu yaseMonti incedisile ukuliqhubela phambili eli bali. (2)

2.1.8 Chaza unobangela wempixano kweli bali. (2)

2.1.9 Cacisa ukuba sihambelana njani namalungu ase*Moonglow Night Club* isihloko sale noveli. (3)

**KUNYE**



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



2.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA D**

Induluke apho loo nqwelo inyubeleza ukuhamba. Icothoze kuhle phakathi kwaloo lokishi, sekungasekho bantu nangxolo ingako ezitrateni ngenxa yokuhamba kobusuku.

Iwudlule umfula weNgcabanga, yenyuka nge*Cemetery,* yee cebu ngerhange, yangena kwenye, yathatha enye, yaya icaca into yokuba ijonge e*Moonglow.* Kambe ilahlwe loo ndlela esithubeni, kwacinywa izibane. Isithathe isiphambuka idwabaza emnyameni, phakathi kwamatyholo … Ngxingxilili! Yemisa njalo, ndaweni ithile. Uphume apho uHlobo enywashuza ukuhamba. Amehlo ade aqhelana nobumnyama, wawubona kakuhle umzi was*eMoonglow* phofu wawuse ukufuphi.

Wawumnyama tsiki, kungekho nelinye igumbi elinesikhanyiso. Kwakucacile ukuba kwakungekho mbutho ikhoyo ngobo busuku. Wavuyiswa yileyo kanye. Ithemba lakhe ibe kukubonana nalowo ubekelwe ukugcina lo mzi ngobusuku. Wayenehlebo naye.

Ucinge ngembawula-into ethandwa kakhulu zezi nkewu xa zishiywe zichachatheka engqeleni ubusuku bonke. Uhambe ebhekabheka, ekhangela icala elinesithatha; ejojajoja emoyeni, efuna ukurhawula ivumba lomlotha. Linani khona itshengele lethinzi! Uthe tshe kude kufuphi into ebuphempe obenziwe ngamacangci. Wonde ngalo, enethemba lokuba woyifumana apho inkewu leyo, izithe tshwa kuloo mnquba, mhlawumbi. Uqale wajikeleza, efuna icala elinomnyango. Ude wawubhaqa. Uthe engekaqondi nokuba utshixiwe na, wahlatywa sisithatha esibukhali, sivela ngakwicala abesiza ngalo naye. Uthe akuqwalasela, waqonda ukuba yimoto, phofu isemganyana.

2.2.1 Wayevela phi uHlobo phambi kokuza *eMoonglow Night Club?* (1)

2.2.2 Khankanya iindawo zibeMBINI agqithe kuzo uHlobo endleleni eya e*Moonglow* ngokwesi sicatshulwa. (2)

2.2.3 Sithathwe kweliphi inqanaba lesakhiwo esi sicatshulwa? (1)

2.2.4 Xela indima edlalwa nguHlobo kweli bali. (2)

2.2.5 Ingaba wafezekiseka umnqweno kaHlobo wokufumana unogada ukuze athethe naye ihlebo awayeze ngalo? Xhasa impendulo yakho. (3)



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



2.2.6 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli. ULinda Monti ngumzekelo womlinganiswa (ongqukuva/osicaba) kweli bali. Xhasa impendulo yakho. (3)

2.2.7 Uloluphi udidi umlinganiswa onganikwa gama ebalini koko abizwe ngesikhundla okanye umsebenzi awenzayo? (1)

2.2.8 Ngubani umbalisi webali kwesi sicatshulwa? (1)

2.2.9 Ngqina ngeengongoma eziNTATHU ukuba uHlobo ngumlinganiswa oyintloko kule noveli. (3)
**[35]**

**AMANQAKU EWONKE 35**



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



## UMBUZO 3: UMONWABISI – ZA JAPHTA

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 3.1 noMBUZO 3.2.

3.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

### ISICATSHULWA E

Sohlukene noMonwabisi esengumntwana othanda ukulandelana noThandabantu xa asebenza apho evenkileni. Yacaca eselula ukuba uMamTolo akananimba ngakuye. Oku kucaca kwaqatshelwa ngabanye abantwana aba, baza ke **bamngcungcuthekisa** uMonwabisi. Kungoko ke waye wathanda ukusoloko ezula apho ngaphambili evenkileni ebaleka ukusoloko ephakathi kwekhaya elo. Wakhula ke kungekho nto ixhomisa amehlo ngakuye wade wafikelela kwithuba lokuqalisa isikolo. Naye ke waqala kwakweso sikolo samabanga aphantsi silapho eNtshiqo. Engenile esikolweni waqhuba nje kakuhle njengabanye bethu. Wayephumelela kuloo mabanga aphantsi esemxukuxeleni womngcelele wabafundi abo. Wathi xa akwibanga lesithandathu wabonakalisa <u>ubuthuntu bengqondo</u>, kangangokuba kwiimviwo zaphakathi konyaka waphuma isithathu ukusuka ekugqibeleni. Waphumelela nzima ukuphela kwaloo nyaka ngokusebenzisana kwezo titshala zazimfundisa, zimthundeza ngandlela zonke ukuba azithande iincwadi zakhe. Kunyaka olandelayo wahluleka kukuphumelela ibanga lesixhenxe. Kwaba nzima selephinda ukulifunda kunyaka olandela lowo. Ootitshala bafa ziintloni nodano kuba umntwana lowo ongqondo ilukhuni wayengowomntu osixabisileyo eso sikolo, kwaye ke kwabangaphambili abantwana bakaThandabantu kwakungenjalo. Imithandazo yeetitshala yaphumelela xa aphumelela ukuphela kwaloo nyaka, kwatsho kwathi xibilili kuzo zivuyela ukuba wayeza kudlulela phambili angancami esephantsi kwazo.

Waya kungena kwibanga lesibhozo eNgcolosi. Kuloo nyaka wokuqala akuzange kubekho nelincinane bethu ithemba lokuba angaphumelela.

3.1.1 Nika isizathu sokuba uMamTolo abonakalise ukungabinanimba ngakuMonwabisi. (2)

3.1.2 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. Inkcaza ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa ibaveza abantwana bakaMamTolo njengabantu ...

A abanemincili.
B abanentiyo.
C abanexhala.
D abanesazela. (1)



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



3.1.3 Ngqina ukungafaneleki kokusetyenziswa kwenkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi xa kuthethwa ngoMonwabisi. (2)

3.1.4 Nika intsingiselo yenkcaza engezantsi ngokubhekiselele kwimeko kaMonwabisi.

'... **zimthundeza ngandlela zonke** ukuba azithande iincwadi zakhe.' (2)

3.1.5 Xela isifundo esinokufundwa kwisenzo sabantwana bakaMamTolo sokuphatha kakubi uMonwabisi. (2)

3.1.6 Yintoni eyenzekileyo ebalini ukuze iphele indima kaGcinumzi? (2)

3.1.7 Ngqina ukuba ivenkile yaseNtshiqo incedisile ukuliqhubela phambili eli bali. (2)

3.1.8 Chaza unobangela wempixano kweli bali. (2)

3.1.9 Cacisa ukuba sihambelana njani nomlinganiswa onguMonwabisi isihloko sale noveli. (3)

**KUNYE**



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



3.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA F**

Kwaye ke wayelelilula lona ixhoba kumntu owayenokuvela sele ezizalanisa naye efuna ukumbanga nokuba akanyanisile kuba nonina wabashiya engakhange abaxelele ngemvelaphi yakhe. Kungoko ke kwakubalulekile kubo ukuba baqiniseke ukuba ngenene ubabona njengabazali bakhe engowalapho engadluli. Wathi akuzoneza ke uMnu. Zangone wamnika amaphepha apho makenze intsayino-gama lakhe esamkelela kuye sonke isakhiwo sikaRhadebe esilapho edolophini kuTsolo. Bona abazali abo bakhe babesele bezenzile ezabo iindawo. Akugqiba waye wakhupha amanye amaphepha kwakhona apho uThandabantu wayenikezela kuMonwabisi isixa-mali esingamawaka angamakhulu amathandathu, ukuze akhe ngaso ezo zitsha izakhiwo. Kaloku ixesha lalixhatshwe yinja, inyanga sele ineveki nje ezimbini phambi kokuba iphele. Yonke loo nto yaqukunjelwa sele ephinde wayinkenenkene uThandabantu.

Ngokonqena iintloni zokubonwa ngumntwana elila uMamTolo waye wacela ukuba akhululwe uMonwabisi aye kuqalisa ngaloo msebenzi babemnike wona. Waphuma apho uMonwabisi efumbathe iqela lamaphepha ingqondo izele zizinto aziyalelwe ligqwetha ukuba azenze kunye nee-ofisi amakaye kuzo ukulungiselela konke oko aza kukwenza. Wamxelela kodwa ukuba ukuba ukhe wafumana ubunzima naphi na aze angalibazisi adibane nalo kwii-ofisi zalo.

Ngasemva washiyeka uMamTolo ezama ukuthuthuzela uRhadebe owayegixa ngoku esitsho ngesingqala esinganyamezelekiyo.

'U-uyithembile kodwa le ntwana Samkelo?...'

3.2.1 Wayevela phi uMonwabisi phambi kokuza kudibana noZangone? (1)

3.2.2 Khankanya izinto zibeMBINI ezanikwa uMonwabisi nguZangone ngokwesi sicatshulwa. (2)

3.2.3 Sithathwe kweliphi inqanaba lesakhiwo esi sicatshulwa? (1)

3.2.4 Xela indima edlalwa nguZangone kweli bali. (2)

3.2.5 Ingaba wafezekiseka umnqweno kaThandabantu wokuvuselela izakhiwo zamashishini akhe?Xhasa impendulo yakho. (3)

3.2.6 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli. UMamTolo ngumzekelo womlinganiswa (ongqukuva/osicaba) kweli bali. Xhasa impendulo yakho. (3)

3.2.7 Uloluphi udidi umlinganiswa onganikwa gama ebalini koko abizwe ngesikhundla okanye umsebenzi awenzayo? (1)

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



## ICANDELO B: IDRAMA

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kwezi drama zilandelayo:

- *Ndiyekeni* ngu DM Jongilanga
- *Inzala YamaRhamba* nguM Mlokoti

Phendula YONKE imibuzo ekwidrama oyifundileyo.

## UMBUZO 4: NDIYEKENI – DM Jongilanga

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule drama uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 4.1 noMBUZO 4.2.



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



4.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA G**

MAWONGA: Kutheni na namhlanje, akuzithembanga?

ZANELE: Ukungazithembi yenye into ookhetshe noontloyiya bazungulana neenkedama zamantshontsho.

MAWONGA: Amehlo am akagqobhozi kuwe Zan. Kuya kubanjalo kude kufiwe.

ZANELE: Ligwiba lawo onke amadoda elo. Makhe ndiye kwenza iti. (***Emva kweti kulandele angatshiyo atshisa umntu kuphela. Uthe umfo akuthi mmfo kamnandi uZanele wamfundela enye incwadi.***)

ZANELE: Papa ukuba ndinokuthi kuwe ndizele neqhiya enamasondo asixhenxe ungathini?

MAWONGA: Nokuba seyiphantsi kwamanzi, kweentaba nakwinkontyo yehlathi, ndoyiphuthaphutha ndize nayo.

ZANELE: O, kekhona! Ndikuthanda sendilele. Andazi ukuba bendiya kuthini na ngaphandle kwakho. O, papa wa-a-am. (*Watsho emanga. Babukana okwamaqalabonana.)*

MAWONGA: Yintoni sana lwam? Ndikwenzele ntoni?

ZANELE: Igumbi lam lize papa lindenza iintloni ndakufikelwa nguwe. Akungendincedi ngediphozithi nje qha kuphela? Andinakuhlazeka ukho kule mpi yepati.

MAWONGA: Ufuna nje idiphozithi?

ZANELE: Oku kwayo yodwa papa, ndokubuyisela ungaphelanga unyaka.

MAWONGA: Ndiya kukunika ngomso oku sthandwa, ibiyintoni idiphozithi kwabathandana njengathi?

ZANELE: Khon'ungatshongo mnqweno wam wobomi, olungenamisebenzi lufana nexina ehlokomayo. O, kofana yam, sthandwa sam sokugqibela! Ndingakwenzela ntoni?

MAWONGA: Hlala nam ngonaphakade. (*Bawolane.)*



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



4.1.1 Nika isizathu sokuba uMawonga abekule ndawo akuyo noZanele. (2)

4.1.2 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. Inkcaza ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa ibizwa ngokuba zizalathisi ...

A zentetho.
B zaseqongeni.
C zedrama.
D zabalinganiswa. (2)

4.1.3 Ngqina ukungafaneleki kokusetyenziswa kwentetho kaZanele ekrwelelwe umgca ngaphantsi xa ethetha ngothando lwakhe noMawonga. (2)

4.1.4 Nika intsingiselo yenkcaza engezantsi ngokubhekiselele kwindlu kaZanele.

'... **Igumbi lam lize** papa lindenza iintloni ndakufikelwa nguwe.' (2)

4.1.5 Xela isifundo esinokufundwa kwisenzo sikaZanele sokutya imali kaMawonga ngamaqhinga. (2)

4.1.6 Indima yomlinganiswa onguMadala iphela nini kule drama? (2)

4.1.7 Ngqina ukuba isikolo iNobutho sincedisile ukuliqhubela phambili eli bali. (2)

4.1.8 Yintoni engunobangela wempixano kweli bali? (2)

4.1.9 Cacisa ukuba sihambelana njani nomlinganiswa onguMawonga isihloko sale drama. (3)

**KUNYE**



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



4.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA H**

FUNEKA: Ukuba uyiloo mbo yondla amadoda akuzi kulunga. Amadoda adalelwe ukondla.

ZANELE: Hayi ntombi musa ukude wolule, ndinqena nje ukulahla imbo yam ngophoyiyana.

FUNEKA: Kulunge kanye uphoyiyana xa imbo inyanyeka, ngaphezulu ndikholwa apha kule ndlu ziintaka ezibekayo.

MAWONGA: (*Nkqo! Nkqonkqo!)*

FUNEKA: Nguye lowo, kokwesihlanu kule veki simondla engatsitsi nto. Zimela phaya ewodrophini umyekele kum. (*Azimele angene uMawonga.)*

FUNEKA: Ngena.

MAWONGA: Hallow mtshana.

FUNEKA: Mh!

MAWONGA: Kutheni na namhlanje? Waphusile uxam?

FUNEKA: Kaloku kuhlwa kusisa iyileyo imini inezayo. Ndingakwenzela ntoni?

MAWONGA: Uphi uZan?

FUNEKA: Oko ebeye edolophini akakabuyi.

MAWONGA: Awu! Ziziphi ezi venkile zivula de kubethe intsimbi yesine ngoMgqibelo?

FUNEKA: Andinakuyazi ke leyo, kodwa ke ihambo iyazilawula. Ufika nam ndisiya ebholeni.

MAWONGA: Hayi ungahamba mtshana, ndolinda noko.

ZANELE: Hi wethu, uza kuba sisitshixo sendlu yam, akuyazi indlu yakho?

MAWONGA: Akuphazami? Kutheni? Uyaphazama mtshan'am.

FUNEKA: Nakancinane. Phuma wethu ndiza kuvala ngoku. Uyana nangoko.



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



4.2.1 Xela indawo athetha ekuyo uZanele noFuneka kwingxoxo ekwesi sicatshulwa. (1)

4.2.2 Khankanya iinkcaza zibeMBINI zikaFuneka abonakalisa ngazo ukuba uyinyolukele imali yamadoda. (2)

4.2.3 Sithathwe kweliphi inqanaba lesakhiwo esi sicatshulwa? (1)

4.2.4 Xela indima edlalwa nguJerry kweli bali. (2)

4.2.5 Ingaba wafezekiseka umnqweno kaMawonga wokudibana noZanele ngolu suku?Xhasa impendulo yakho. (3)

4.2.6 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli. UThandiwe ngumzekelo womlinganiswa (ongqukuva/osicaba) kweli bali. Xhasa impendulo yakho. (3)

4.2.7 Ululuphi udidi umlinganiswa onganikwa gama ebalini koko abizwe ngesikhundla okanye umsebenzi awenzayo? (1)

4.2.8 Ngubani umbalisi webali kwesi sicatshulwa? (1)

4.2.9 Ngqina ngeengongoma eziNTATHU ukuba uMawonga ngumlinganiswa oyintloko kule noveli. (3)

**[35]**



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



**UMBUZO 5: INZALA YAMARHAMBA – M. Mlokoti**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule drama uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo doziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 5.1 noMBUZO 5.2.

5.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA I**

| | |
|---|---|
| ZANOXOLO: | Heke. Enkosi tamnci- *(Ebamba ibhekile)* |
| MACEBO: | Khawutsho nyana, bathini ekhaya? |
| ZANOXOLO: | Kwekhu tatomncinci! ***(Ebeka ibhekile phantsi, esula umlomo ngomva wesandla.)*** Ndibuya neendaba ezimbi apha. |
| MACEBO: | Uthetha ukuthini nyana? Yintoni? |
| ZANOXOLO: | NguDina, udadewethu tatomncinci. |
| MACEBO: | (*Ebusibekela)* – Utheni mfo wam? Kwenzeke ntoni? |
| ZANOXOLO: | Udaba luthi imeko yakhe yaye yamandundu ngakumbi tamnci, emva kokuba ndemkayo ekhaya, waya kulala nasesibhedlele e*All Saints.* Apho kuye kwafunyaniswa ukuba ukhotyozwe kakhulu ziziyobisi. |
| MACEBO: | Ndiphulaphule mfo wam. Uthi usisi kwenzeka ntoni emva koko? Usaphila kodwa lo mntwana? |
| ZANOXOLO: | Ewe kona usaphila tamnci, kuba ithi ingxelo kwaye kwafuneka agqithiselwe eMonti, *eFrere Hospital*. Apho aye wafunxwa khona intshongo yesi siyobisi egazini. Watsho wabeleka naloo mntwana wayemkhulelwe. Mntwana lowo ekwanyanzeleka ukuba ambelekiswe phambi kwexesha, zingekazali zonke ziphelele iinyanga zakhe. Waba uyasinda ngolo hlobo. |
| MACEBO: | Kwekhu mfo wam, zambi ezi ndaba. Yaye ndiqinisekile ukuba nomkhuluwa azimphathanga kakuhle konke konke. |
| ZANOXOLO: | Kunjalo kanye tamnci. Kodwa ezimbi nangakumbi zezokuba emva koko uphindile wakhulelwa uDina |
| MACEBO: | Uthini na kwedini? Njani ngoku? |
| ZANOXOLO: | Kuthiwa kaloku ekuphumeni kwakhe esibhedlele ubuye ezisola kakhulu ngehambo yakhe evakalala, waza waguquka wahamba icawa yosindiso. Uthi umha bathe besancoma leyo, suka uDina wathandana nomnye wabefundisi bale cawa ... |



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



5.1.1 Wayeyokwenza ntoni uZanoxolo kuMacebo? (2)

5.1.2 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. Inkcaza ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa ibizwa ngokuba zizalathisi ...

A zentetho.
B zaseqongeni.
C zedrama.
D zabalinganiswa. (1)

5.1.3 Ngqina ukufaneleka kokusetyenziswa kwentetho kaZanoxolo ekrwelelwe umgca ngaphantsi xa echaza imeko kaDina. (2)

5.1.4 Nika intsingiselo yenkcaza engezantsi ngokubhekiselele kuDina.

'... **wafunxwa** ... intshongo yesi siyobisi egazini ...' (2)

5.1.5 Xela isifundo esinokufundwa kwisenzo sikaDina sokushiya ikhaya aye kusebenza kwaThambolenyoka. (2)

5.1.6 Yintoni eyenzekileyo ebalini ukuze iphele indima kaThambolenyoka? (2)

5.1.7 Ngqina ukuba ihotele kaThambolenyoka incedisile ukuliqhubela phambili eli bali. (2)

5.1.8 Yintoni engunobangela wempixano kweli bali? (2)

5.1.9 Cacisa ukuba sihambelana njani nabasebenzi bakwaThambolenyoka isihloko sale drama. (3)

**KUNYE**



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



5.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA J**

| | |
|---|---|
| MBOTOLOSHI: | Uthetha ukuthini? |
| GXALABA: | (*Ekhomba ngentloko kuDina)* – yitsho akubalisele. |
| MBOTOLOSHI: | Kunjalo Sajini? |
| DINA: | Nam ndingaba ndiyazigwagwisa ukuba ndingathi licebo lam Sajini. Asilocebo lam licebo likaThixo. Ngoba ukuba bendilandele elam icebo, ngeba mhlawumbi ndim ngoku okule ndawo kaThambolenyoka, ndinkolonkoloza kwesimnyama isisele. |
| MBOTOLOSHI: | Cacisa Sajini. Ndiyaphela kukungxama. |
| DINA: | Kaloku bendisele ndithenge nesixhobo mna Sajini. Ndiza kumbulala nje nya uThambolenyoka. Kwathi kanti uThixo uyabona, waliphanzisa elo cebo lam, ngokuthi eso sixhobo sam sisuke sibhaqwe ngumkhuluwa wam xa kanye ndiza kusisebenzisa. Wandikhalimela kabukhali ngelithi mandingathatheli umthetho ezandleni zam. Kwathi kanti ngolo hlobo kuza kuvela eli cebo likaThixo. |
| MBOTOLOSHI: | Kha wude uvele Sajini. Wenza njani? |
| DINA: | Kaloku Sajini emva koko ndeza apha kuSajini Gxalaba kwangaloo mini. Sawuxubusha lo mbandela kangangoko, saphantse sachitha iiyure ezintandathu zonke siwuphethe. |
| MBOTOLOSHI: | Ndiphulaphule Sajini. |
| DINA: | Sagqiba kwelokuba masibabambe sibavalele eziseleni ngabanye-ngabanye, uNozici, Nozigoci, noNomhase ngokulandelelana kwabo. Athi ngamnye esimbambileyo samvalela, simchaze eluntwini ngokungathi ugetyengiwe wabulawa. |
| MBOTOLOSHI: | Kha uhambele phambili Sajini. Kusemnyama kum. |
| DINA: | Sibambe uNozici kuqala, sakhawuleza saya kumvalela esiseleni sakhe yedwa. Sakugqiba sabuya sarhangqa indlu yakhe ngomtya obomvu namhlophe. Sathi ekuhlaleni saqungquluzisa unodoli, samgquma ngelaphu elikhulu eliluhlaza okwesibhaka-bhaka. Oku kanye kwaxa kubhubhe umntu ogetyengiweyo okanye ogilwe yimoto. |



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



5.2.1 Xela indawo athetha ekuyo uDina kwingxoxo ekwesi sicatshulwa. (1)

5.2.2 Khankanya zibeMBINI izinto azenzileyo uDina ukuzama ukulwa noThambolenyoka ngokwesi sicatshulwa. (2)

5.2.3 Ithathwe kweliphi inqanaba lesakhiwo ingxoxo ekwesi sicatshulwa? (1)

5.2.4 UNoyongo udlala eyiphi indima kweli bali? (2)

5.2.5 Ingaba wafezekiseka umnqweno kaDina wokubanjwa kukaThambolenyoka? Xhasa impendulo yakho. (3)

5.2.6 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli. UKuku ngumzekelo womlinganiswa (ongqukuva/osicaba) kweli bali. Xhasa impendulo yakho. (3)

5.2.7 Ululuphi udidi umlinganiswa onganikwa gama ebalini koko abizwe ngesikhundla okanye umsebenzi awenzayo? (1)

5.2.8 Ngubani umbalisi webali kwesi sicatshulwa? (1)

5.2.9 Ngqina ngeengongoma eziNTATHU ukuba uThambolenyoka ngumlinganiswa oyintloko kule noveli. (3)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



## ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

### UMBUZO 6: 'IZIBHOVUBHOVU ZASEBHAYI' – EZ Guqa

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kula mabali mafutshane uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 6.1 noMBUZO 6.2.

6.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA K**

Le meko yonxunguphalo ibixelwa kwabasemagunyeni ababeqeqeshelwe ukulwa nobundlobongela, koko bona bakhalaze ngelithi abazifumani ezi ndlobongela. Zada zabanjwa ezi zibhongobhiyana ngeny'imini, koko zachitha nje usuku olunye kugcino lwabantu bakwantsasana. Lo wayemangalele ezi zikrelemnqa wayequqa equqile kwabakwantsasana efuna ukuqonda ngomhla wetyala, kodwa emva kwexesha waxelelwa ukuba kulahleke uxwebhu oluneenkcukacha ngesimangalo. Umntu ujonge wajonga wabona ukuba umcimbi wokulwa nobugewu eDikeni ngowokuncanywa. Iqhubekile le nto bada **abantu bakruquka** zizikrelemnqa ezidlisela ngamakrele.

Kwalile ngeny'imini zigqiba kuqhuba njengesiqhelo emzini wesiqhuza somfo wakwaMaqhazolo, kanti azivumisanga ukuba umninimzi ubesel'ezincamile ethe maxhalanga ndidleni kuba amade ngawetyala. Ziwushiyile umnyango ebezingene ngawo <u>zihamba ngokukhululekileyo ukuya ngasesangweni</u>, zixhakazela zizinto zeli khaya. Zanele nje ukusondela kwelo sango beziza kuphuma kulo, umfo kaMaqhazolo wakhulula irhuluwa kwahlokoma iDike yonke. Ulibethe lavuthuluka iqatha lesikrelemnqa langathi ngamagqabi omthi ubethwe ngamatye esichotho. Ezinye izikrelemnqa zithe zakuqonda ukuba izinto zonakele zaphel'emehlweni, zingacelanga nendlela njengesiqhelo. Zilahle kwanto zisindisa nje ubom bazo. Zisishiye esinye isikrelemnqa sixabe endleleni sidliwa ziintlungu zembumbulu eshiye nje ulwamvila yagqitha.

Amadoda angabamelwana athi akuva liduduma izulu lezandla, nakuba lizolile nje, azula ezindlwini exakwe ukuba aza kuzifihla phi na.

6.1.1 Nika isizathu sokuba kubenzima ukulwa nobugewu eDikeni. (2)

6.1.2 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. Inkcaza ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa ibaveza abantu baseDikeni njengabantu ...

A abonwabileyo.
B abadikiweyo.
C abatyhafileyo.
D abalindileyo. (1)



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



6.1.3 Ngqina ukungafaneleki kokusetyenziswa kwenkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi xa kuthethwa ngezi zikrelemnqa. (2)

6.1.4 Nika intsingiselo yenkcaza engezantsi ngokubhekiselele kwisenzo sikaMaqhazolo.

‘... **wakhulula irhuluwa** kwahlokoma iDike yonke.’ (2)

6.1.5 Xela isifundo esinokufundwa kwisenzo sezikrelemnqa sokudlisela ngobundlobongela. (2)

6.1.6 Yintoni eyenzekileyo ebalini ukuze iphele indima yesi sikrelemnqa kuthethwa ngaso kwisicatshulwa? (2)

6.1.7 Ngqina ukuba idolophu yaseDikeni incedisile ukuliqhubela phambili eli bali. (2)

6.1.8 Chaza unobangela wempixano kweli bali. (2)

6.1.9 Cacisa ukuba sihambelana njani nezikrelemnqa isihloko seli bali. (3)

**KUNYE**



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



6.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA L**

**'THATH'IZINTO ZAKHO MTHAKATHINDINI' – LL Ngewu**

Bemke abafana baseGqaqhala bengawuhlanganisi umlomo ligqirhakazi elihlab'emhloleni. Babuyele emva eGqaqhala apho bafike banika umyalelo wokuba izidumbu zingangcwatywa kuba ziza kuvuka ngeny'imini. Abafelwa babone ukuba babize uKhuthala kanti noNgqavula umfo kaFudukile ingqwayingqwayi yexhwele laseNgqeleni eDumse ukuba baze kuvusa abafi kumzi wabangcwabi eMthatha. UKhuthala nexhwele laseDumse babize imali efana nemali ukwenza lo msebenzi. Abafelwa bathengise iinkomo bezama ukuhlangabezana neendleko zabantu bamayeza.

Ifikile imini yovuko abantu bathontelana eMthatha beze kubona umhlola. Umntu ophethe umzi wabangcwabi unikine intloko esithi zanga ayibone into enje ngale. Umfo osebenza kwamantyi eMthatha uthe ukuba bakhe bavuka abafana baseGqaqhala, uya kwenza iinzame zokuba noyise ominyaka mihlanu angcwatywayo avuswe naye. UKhuthala noNgqavula bebengqwayiza ukuhamba eli lixa abantu bebakhe umkhanyo beze kubukela isimanga sikaNongqawuse.

Ziqengqelekile iintsuku zeveki neeveki zenyanga uKhuthala nexhwele laseDumse bequqa kumzi wabangcwabi eMthatha kodwa kungashukumi nocikicane lo kubafi. Abafelwa eGqaqhala bagqibe kwelokuba kwenziwe inkonzo yesikhumbuzo ngemini ethile. Kumenywe iBhishophu yebandla lamaZiyoni elaziwa ngokuba *yiZion Church of Jesus in Jerusalem (ZCJJ).* Ngemini yesikhumbuzo uBhishophu uThembisile akabaxelelanga aba bantu nanye into ebebengayilindelanga. Ubabaze kubafelwa into yokuba abantwana babo baza kuvuka watsho esithi bangalili njengabantu abangenathemba.

6.2.1 Lalihlala phi igqirhakazi elinguKhuthala? (1)

6.2.2 Khankanya amagama abantu abaBINI ababethembise ukuba baza kuvusa izidumbu zabafana baseGqaqhala ngokwesi sicatshulwa. (2)

6.2.3 Sithathwe kweliphi inqanaba lesakhiwo esi sicatshulwa? (1)

6.2.4 UMantyi udlale eyiphi indima kweli bali? (2)

6.2.5 Ingaba wafezekiseka umnqweno weentsapho wokuba abafana baseGqaqhala ababeswelekile bavuke?Xhasa impendulo yakho. (3)

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



6.2.6 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli. USikhonkwane ngumzekelo womlinganiswa (ongqukuva/osicaba) kweli bali. Xhasa impendulo yakho. (3)

6.2.7 Ululuphi udidi umlinganiswa onganikwa gama ebalini koko abizwe ngesikhundla okanye umsebenzi awenzayo? (1)

6.2.8 Ngubani umbalisi webali kwesi sicatshulwa? (1)

6.2.9 Ngqina ngeengongoma eziNTATHU ukuba Khuthala ngumlinganiswa oyintloko kule noveli. (3)

**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



## ICANDELO D: ISIHOBE

### UMBUZO 7: IVAMNA BAFAZI BOLUSU – S Maputi nabanye

Funda izicatshulwa zemibongo ezilandelayo uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo ziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 7.1 noMBUZO 7.2.

7.1 Funda umbongo olandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA M**

**ENXUKHWEBE – T. MABEQA**

Kwezo nduli zaseBhofolo;
Kuloo mathafa aseNxukhwebe;
Kwezo ntlambo zomlamb'iNgcwenxa;
Kulapho kum'isikolo saseNxukhwebe,
Phakathi kweTyatyorha noNgwevu;
Kufutshane nakwaLamyeni;

EmaBheleni kumganyana noko,
Kodwa esi sikolo **sizivuzile ezi lali**,
Kulapho asel' amanz'olwazi
Amadoda namankazan'aseAfrika;
Nditsho nawalapha eMzantsi;

NokaMandel'unyan'usele kuloo mthomb'aseNxukhwebe.
Ngathi ndiyambon' emamel'amagxagx'ehlohla;
Esetyis'ehlaluty'ezo mfundiso
Ezibuza eziphendul'ubunyani beziny'izinto;
Kuba kalok'okrelekrel'akamkeli nantoni na
Hay' ke kwaxhelw'eXhukwana kulo mfana;

Mhlana kwagalelek'iMbongi yesizw'eNxukhwebe,
Iyantsul'ukuhamba oku;
Ivath'ezembongi yakwaXhosa;
Yabhong'ivus'imixhelo yabafundi ngezibongo zayo.
Yandixhel'umxhel'iMbongi yakwaGompo;
Gxebe, imbongi yeSizwe;

Umfo waseNtabozuko;
Nditsho uSamuel Edward Krune Mqhayi.
Latsho eli qhakra-qhakra, ufafa lwakwaMandela.

7.1.1 Xela zibeMBINI iindawo esifumaneka kuzo isikolo saseNxukhwebe ngokomqolo wesi-2 ukuya kowesi-3. (2)

7.1.2 Tolika okuthethwa ngumqolo wesi-8 walo mbongo. (2)

7.1.3 Chonga igama elikumqolo we-10 elibhekiselele kubantu basetyhini. (1)



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



7.1.4 Libhekisa koobani igama, 'amagxagxa' ngokomqolo we-13? (2)

7.1.5 Usityhilela ntoni ngoMandela umqolo we-15? (2)

7.1.6 (a) Xela umfanekiso-ngqondweni oziswa ngumqolo we-19. (1)

(b) Mfanekiso-ntelekelelo mni ophuhliswa ngumfanekiso-ngqondweni owuxele ku-(a)? (2)

7.1.7 Sibhekisa kubani isakhi u-'ndi' esibhalwe ngqindilili kumqolo wama-22 nowama-25? (1)

7.1.8 Chaza into eyayimonwabisa uMandela akubona uMqhayi eNxukhwebe. (2)

7.1.9 Ludidi luni lo mbongo ngokomxholo wawo? Xhasa impendulo yakho. (3)

**KUNYE**



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



7.2 Funda esi sicatshulwa sesibongo silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA N**

**KONAKELE PHI NA MZ'ONTSUNDU? – T. YAWA**

Kazi yimbudumbudu ni na le iqhubekayo kweli loMzantsi?
**Nkanyamba** ni na le itshayela ilizwe lethu?
Kunamhlanje nje uMzantsi Afrika uyalila;
Besiba ngokuzalwa koMzantsi Afrika omtsha
Izinto ziza kutshintsha zibe ntsha.
Kuthe kanti asibhungisanga, uMtyholi uthi, ng'ong'o.
Kuphalala igazi mihla le, zizijwili nje;
Ubuntu kule mihla bumke nezandawana;
Mihla le ziindaba ezixhomis'amehlo
Koomabonakude nakoonomathotholo.
Kazi liphi na ikamva leli loMzantsi?
Ilizwe liyahlininika ziziganeko zentswela-bulungisa;
Imibutho yezopolitiko *ijongene ngezikhondo zamehlo*;
Inene *ingqubana okweenkunzi zeegusha* epalamente.
Kazi luzimele phi na uxolo olwalutyalwe nguMadiba?
Ukuphangwa kodederhu lweevenkile kuthath'unyawo;
Abathengi bangena izibilini ziphezulu ezivenkileni;
Wofika bechwechwa okweekati zichwechwela iimpuku.
Sii! Hayi malindini ndiyakuqalekisa;
Sekunjenjenje kungenxa yakho kuba sikuvuzel'izinkcwe.

7.2.1 Sibhekisa koobani isihloko salo mbongo? (2)

7.2.2 (a) Nika udidi lwesafobe esibhalwe ngqindilili kumqolo wesi-2. (1)

(b) Siqaqambisa ntoni nemeko yoMzantsi Afrika isafobe osixele ku(a)? (2)

7.2.3 (a) Xela isixhobo sesandi esikrwelelwe umgca ngaphantsi kumqolo wesi-4 nowesi-5.

(b) Yintoni injongo yokusetyenziswa kwesixhobo sesandi osixele ku(a)? (2)

7.2.4 Kuthethwa ukuthini ngumqolo wesi-8 walo mbongo? (2)

7.2.5 Khankanya amajelo asondezela abantu iindaba ngokomqolo we-9 nowe-10. (2)



SA EXAM PAPERS

